UMTHANDAZO WECEBO LIKAMFUNDISI

Bawo wethu, sicela uqhubekeke ukugalela uMoya oyingcwele kwi-Archdiocese yethu.

Sinike : Umbono omtsha omhle wozuko lwakho,

Ukuva ngokutsha amandla akho,

Ukunyaniseka okutsha kwiLizwi lakho

Into yokuba sibe zizicaka ezitsha sizingcwalise.

Ke ngoko uthando luyakhula phakathi kwethu kunye nobukumkani bamazulu buyeza.

Sikelela izithembiso zethu: ukukhulisa amacebo kamfundisi

ukomeleza kokuVelana kwethu

ukwenza umsebenzi wethu uphumelele

NgoKrestu uThixo wethu. Amen

UMariya Ongcwele owayesiya eYiputha makasithandazele thina

IZIQULATHO

1. Ileta kaBishophu
2. Intshumayelo kaBishop yokunikela ingxelo ngomhla wamashumi amabini kuDisemba kunyaka 2007

3. Ukucacisa ngencwadana yeSynod
4. Intetho ngemibono
5.
    i) Ikomishini yeeNkokheli
    ii) Ikomishini yeCawe kwiHlabathi jikelele
    iii) Ikomishini yoBomi beNtsapho
    iv) Ikomishini yoLutsha
    v) Ikomishini yeziThunywa
    vi) Ikomishini yokwenza uLuntu lwabaKholwa

6. Ukwenza amacebo

ILETA KABISHOPHU

ICawe yokuqala kwiiveki eziphambi kweKrismesi

Manene namanenekazi kaThixo,

Saziva sinamandla nenyaniso kaThixo ngale Synod nangabo bonke abathunywa. Ndiza kusoloko ndixabisa amava eSynod, ndikhuthazwa malunga nekamva le-Archdiocese yaseKapa.

Ndiyakholwa ukuba sinecebo elibaluleke kakhulu malunga nekamva lale cawe yoluntu. Sisebenzisana kunye siyibonile into yokuba singaba yiCawe ehluke kakhulu, sinakho ukusombulula iingxaki zale mihla ukwakha ikamva. Asisajonganga emva ukufumana impembelelo, kodwa sifumene indlela eya phambili, eyongeza izinto ezenziwe zizinyanya zamaKatholiki aseKapa. Ngoku lixesha lokuba sifezekise eli cebo loluntu.

Ukuba sibe nakho ukuphumelela ngokwenza le nto ebaluleke kakhulu, kufuneka sizinikezele ekwenzeni le njongo neli cebo. Icebo elingenazenzo alizi kuphumelela. Eli cebo likwanenkqubo yokuqinisekisa ukuba liphumelele. Ndilindele ilungu ngalinye leCawe yaseKapa, nerhamente nombutho lamkele eli cebo lithathe inxaxheba ngokulifezekisa. Masibe nesibini sokuphefumlelwa nguMoya oyiNgcwele ngamandla. Ngemithandazo nangemisebenzi masizinikezele ukomeleza ukuvelana kwethu nomsebenzi wethu njengezithunywa.

Ndilapha ngokusasaza ngale ncwadana ye*Communio et Missio*, ukuze libe Licebo Loluntu le-Archdiocese yaseKapa.

UMariya Ongcwele owayesiya eYiputha makasithandazele thina

Ndim ngenene kuThixo

Lawrence Henry

I-Archbishophu yaseKapa

Communio et Missio, iCebo loLuntu lweArchdiocese yaseKapa

INTSHUMAYELO KA-ARCHBISHOPHU EKUSASAZENI KWENGXELO YOKUGQIBELA NGOMHLA WESIBINI KUDISEMBA KUNYAKA 2007

Njengoko singena ixesha leeveki ezingaphambili kweKrismesi, sibizwa ngokuba masivuke, somelele, sime ekukhanyeni kuba usindiso lukufuphi ngaphezulu kunelaa xesha langaphambili saqala ukukholwa. Ngoku lixesha losindiso. Ngoku lixesha lokusondela kuKrestu xa silinde ukubuya kwakhe ngozuko.

Ngoku lixesha lofefe lwethu njengecawe yoluntu apha eKapa – ixesha lokuqonda ngokupheleleyo ukuVelana kwethu neMisebenzi yezithunywa. UThixo wenza into entsha kuthi sonke ukuze asifezekisele iCebo laKhe.

ISynod yayingummangaliso kum nakubo bonke abayihambayo. Ndiyakholwa ekubeni sasiyiCawe ngendlela entsha, umntu ngamnye wayenikela ngeenjongo zeCawe, ukuqonda kwakhe malunga neCawe, iziphiwo nezakhono zakhe. Ngenxa yokuba babekhona abantu abohlukeneyo ababenamava eCawe, kwafika into eyayingummangaliso. Kwakukho uthando lweCawe esasiluva ezintliziyweni zethu. Sasiziva sikunye. Ngokuhamba kwexesha, ndithemba ndithandaza ukuba abanye nabo baza kuva le nto yokubizwa ukuba yiCawe – umntu ngamnye uthatha uxanduva lokuba yiCawe asebenze njengeCawe apha ehlabathini. ICawe inoxanduva olukhulu kubantu bayo – kufuneka ibe ngumthendeleko kaJesu Krestu kuthi sonke.

Ngomsebenzi weSynod nangezinto ezazisenzeka emva kweSynod, sifike kwiCebo loLuntu elisibonisa indlela ekufuneka sihambe ngayo ukuze siphile ngamandla ubomi becawe yoluntu. Sidinga ukuba yiCawe ngendlela entsha apho usapho lweCawe lusapho lwenene, apho ilungu ngalinye lamkelwe ngothando nexabiso, apho bonke bashunyayezwa iivangeli ngokuncedisana njengezicaka zosapho zoluntu.

Communio et Missio, iCebo loLuntu lweArchdiocese yaseKapa

Asikwazi ukungalihoyi ilungu lethu leCawe, sicothozise sonqene ukwenza umsebenzi esiwunikiweyo. Asikwazi ukuhlala ngemva kwabanye, abanye besenza wonke umsebenzi. Simele ukuba sivuke, somelele, sime ngasekukhanyeni – sikunye nabefundisi, namadikhoni, nabantu abasikelelekileyo nabakhonzayo. Kufuneka sibe yiCawe ephila ngamandla ngoMoya oyiNgcwele siphilela thina entliziyweni nasengqondweni kaJesu. Ngolu hlobo siza kuba nakho ukusombulula iingxaki zale mihla sakhe ikamva.

Ngoku, ndiyanikezela kubantu be-Archdiocese yaseKapa iCebo loLuntu, *Communi et Missio,* ndithandazela bonke abantu be-Archdiocese bazame ngesibindi ukuphila bafezekise eli Cebo ngamandla eziqhamo zalo.

UMariya Ongcwele owayesiya eYiputha makasithandazele thina

Iceba loluntu lwe Archdiocese yaseKapa

Communio et Missio, iCebo loLuntu lweArchdiocese yaseKapa

UKUCACISA NGENCWADANA YESYNOD

Ngomhla wokuqala kuNovemba kunyaka 2005 uArchbishop Lawrence Henry wabiza intlanganiso ngokusesikweni yeDiocesan Synod yokuqala kwiArchdiocese yaseKapa. Ngale ndlela kwaqala inkqubo yokudibana, yokumamela kunye nokuthandaza kuyo yonke iArchdiocese. Le yayilawulwa yiSynod Preparatory Committee exhaswa ngabantu abaninzi abanobubele beArchdiocese. Inkqubo yaqala ngencoko elula malunga nezinto ezazisebenza nezazingasebenzi kule cawe nezazidingeka ukusombulula le micimbi. Iimpendulo zabangela kwiNgxelo yemiXholo ePhumayo (Emerging Themes Document). Le yayilithuba lokuphupha labantu beArchdiocese ukuqinisekisa ukuba iCawe ibe namandla kwixesha elizayo.
(Nantsi imixholo esibhozo ephumileyo)
eyoLutsha
Ukuvangela
iiKathekhitiki
Ukuphuhliswa kwabadala okusaqhubekayo
Ukuba yiCawe noNxulumano
Imibutho/Ubukhokeli/uNxibelelwano
Umsebenzi weziThunywa nobuFundisi zeCawe
Usapho nemicimbi yoLuntu
Ngenxa yale ngxelo, uluntu nabantu babuzwa ukuba mabacingisise ngale mixholo baze banike izimvo zabo. Kule gem yesibini yokucebisana abantu kumaqela amaninzi ahlukeneyo kwiArchdiocese, babeziva bekhulelekile benamandla benomdla. Kwafunyanwa iimpendulo ezininzi ezibhaliwe. Ezi zazisetyenziselwa ngononophelo ukwenza iPhepha lokuCingisisa (Reflection Paper), *Communio et Missio*.
Incwadi yayinezahluko ezithathu: Ukubizwa kubudlelane (Called to Communion), Ukuphila kubudlelane (Living in Communion), Ukwenza ubudlelane bomelele (Strengthening Communion). Kwakukho iindawo ezintlanu ezinikezelwayo: Umsebenzi weziThunywa (Umsebenzi wesiThunywa, ubuFundisi, Ukuvangela nemiButho yoMoya), Ulutsha noBomi boSapho (Ulutsha noSapho), Ukuseka uLuntu oluKholwayo (iKathekhesis, ukuphuhlisa abadala neNkonzo, iCawe neHlabathi Lonke (imiCimbi yoLuntu, ubuLungisa noXolo kunye nenDalo), ubuKhokeli, (uXanduva lobuKhokeli olwabelanayo noNxibelelwano). Abantu beArchdiocese baxelelwa ngazo zonke ezi zinto ngokuhlangana kweliso likaBishophu kunye namarhamente.
Kufuneka sibone umsebenzi weSynod nobukhoyo beli cebo.

Iceba loLuntu lweArchdiocese yaseKapa

Le iquka imicimbi emininzi. Kukho amarhamente amashumi asixhenxe anesine (74) kwiArchdiocese. Ukuba sicinga ngobudala babefundisi, kukho ingozi yokuba asizi kuba nakho ukufaka umfundisi kwirhamente ngalinye.
Nangoku kukho irhamente elingenaye umfundisi nelinye elinomfundisi ongxungxayo apho. Abefundisi kumarhamente amathathu bangaphezulu kweminyaka yamashumi asixhenxe anesihlanu (75). Abefundisi abaninzi benza imisebenzi ehlukeneyo. Le nto ithetha ukuthi abanakho ukwenza umsebenzi wabo wonke werhamente.

Communio et Missio, iCebo loLuntu lweArchdiocese yaseKapa

Yonke le meko yobufundisi ke ngoku nobukhokeli ibalulekile. Ukuba abantu abakhonzayo bafuna icawe, kufuneka bathathe inxaxeba ecaweni, babe yiCawe. Le nto isenza sicinge ngokuvangela kwabantu – abantu kumarhamente bethathe uxanduva malunga ngabo nobomi boburhamente. Amanye amarhamente bangaphandle bobomi beArchdiocese (icawa yoluntu). Azicingela wona kakhulu, hayi ngeemfuneko zeCawe. Awayazi nto ngecawe yoluntu, ngamanye amaxesha abakhathali ngezinto ezenzekayo kwiArchdiocese jikelele. Amarhamente aqhubekeka ukuhlala ngocalucalulo kubantu. Akukho into enkulu eyenziwe ukwaphula phantsi ucaculucalo olukhoyo phakathi kwabantu beArchdiocese. Le nto yenza ukuba abantu abahamba icawe yoluntu abakwazi ukuthi "Yeyona yona icawe yethu".
Ngamanye amaxesha le nto ibangela ixhala localucalulo. I-Archdiocese ikwaneengxaki zolwaphulo-mthetho nodushe, ukuphathwa gadalala kwabafazi nokusetyenziswa kakubi kwabafazi nabantwana, unqongophalo lwemisebenzi, ukusetyenziswa kakubi kotywala neziyobisi, ootsotsi, uGawulayo (HIV Aids) nale nto yokuba abanye abantu bahlala kakubi, abanye behlala kakuhle.

Ezi zinto ziingxaki ezijongene ne-Archdiocese, kodwa ngenyani ijongene ngendlela esiziphatha ngayo njengeCawe. Kufanele ukuphuhliswa kweCawe – sibe yiCawe entsha.

I-Synod yayisebenzisa iPhepha lokuCingisisa, *Communio et Missio*, njengomgaqo-siseko. I-Synod yahlangana ukususela ngo23 kaSeptemba ukuya kutsho ngu26 kaSeptemba 2007 esikolweni esiyiSpringfield Convent Junior School. Kwahamba abantu abayi-188 kule Synod. Aba bantu babengaba: i-Archbishophu, abefundisi abayi-42, abadikoni abayi-9, abantu abazinikelayo abayi-19 nabakhonzi abayi-117. Ngokusebenzisa ukhetho olwenziwayo ngaphambili, aba banyulwa bohlulwa-hlulwa kathandathu ngamaqela obuGunya (iikomishini), iqela eligunyazisiweyo lohlulwa kubini. Amaqela obuGunya asebenzisa iphepha elithi *Communio et Missio*, ukuVangela kule mihla (Evangelisation Today). Asoloko esebenzisa iPhepha lokuCingisisa (Reflection Paper) ethetha ngalo. Iqela lobuGunya ngalinye xa lalisebenza ngokucingela iziphumo nezinto ezazinokugqitywa, linike ezi ziphumo kwiintlanganiso eziPheleleyo (Plenary Sessions) ukuze abantu babe nolwazi olupheleleyo bathethe ngazo. Iingxelo zokugqibela zanikwa – ithuba lalinikwa abantu babonise inkxaso banabe. Ezi ngxelo zazibaluleke ekwenziweni iCebo lokugqibela eliphuma kwiSynod.

I-Synod yayiyinto emangalisayo kubo bonke. Ukususela kwizifundo zeBhayibhile zokuqala ukuya kutsho inkonzo yokugqibela, abantu babeziva bekunye beyiCawe. Babeziva beyiCawe yabantu abasebenzisanayo nabanenjongo efanayo.
Xa umsebenzi weSynod wawubonakala, kwacaca ukuba uMoya wawusebenza, wawusenza into entsha kumntu ngamnye. Abantu babenamandla babe neengcinga ezininzi. Singatsho ingxelo yokugqibela yayingakwazi ukubonakala yonke into eyayisenzeka, kodwa abanyulwa baphuma beziva benamandla ngenxa yokuba baqonda ukuba eli Cebo likamva leCawe yaseKapa.

Ukuvangela yinto ebaluleke kakhulu kwicawe yoluntu. Yonke into ephuma kwiSynod ixhomekeke kubuVangeli. ICawe ikhona ngenxa yokuvangela, kodwa inokwazi ukwenza ukuba icawe nayo ivangelisiswe. Imicimbi ephumileyo iza kwamkelwa ngabantu abavangelisisweyo. Ukuvangela kuyimfuneko ebaluleke kakhulu ukuze abantu bakwazi ukuba nonxulumano noYesu nonxulumano nabanye, nokuba bangoobani na.

Communio et Missio, iCebo loLuntu lweArchdiocese yaseKapa

Emva kokutshintsha ngolu hlobo, abantu noluntu baza kwazi ukuba yiCawe nokuzinikela. Ngaphandle kokuzinikela, iingcinga namacebo zihlala zingafezeki.

Ukuvangela kujonge nokuphuhlisa yonke into ngobuKrestu. Ngenxa yale nto yobuxolelanisi noThixo nabanye ngumba obaluleke kakhulu. ICawe ibizwa ngobunye, ukuba kunye noThixo nabanye ngethemba lokuba bonke bangaphila ngobunye. Kukho izinto ezininzi ekufuneka zenziwe malunga nokuvangelela ubuxolelanisi nokufezekisa ubunye bothando.

Lo msebenzi usaqhuba kuba izinto eziphuma kwiSynod, kufuneka zigqitywe. Ekupheleni kwale ncwadana, kukho iCebo lokufezekisa iSynod. Imiba emininzi kwathethwa. ISynod ayixoxanga ngayo yonke le miba.

Le nto ayithethi ukuba le miba ayizi kujongwa xa iCebo lisaqhuba. Ibhaliwe, iza kucingisiswa, ixoxwe ngale miba nangayo yonke imicimbi yeSynod kwiminyaka ezayo.

Indlela umahluko uphuma ngayo ayiveli ngokubaluleka. Yonke iyalingana ngokubaluleka. Kufuneka ithathwe iyonke, ihlale yonke. Ngamanye amaxesha izinto ezivela komnye umahluko ziza kuvela komnye – le nto yongeza ubutyebi bale ncwadana.

INJONGO
INTETHO NGEMIBONO

Ukuze siqhube siphila sishumayele iGospeli kakuhle, thina singabantu beArchdiocese, sixhasa oosisi noobhuti bethu boMzantsi Afrika, sazi ngembali yethu yocalucalulo nobuhlungu, ngoku sizithembisa kuKrestu ukuze sibe ziiNdaba eziNtle zobukumkani, ngokuthetha kwethu nokusebenza kwethu.

Ukuze le nto ifezekise, sithembisa ukuba ngabantu:

abaKhathaleleyo kunye nabaKhonzayo
abamkelayo
abaThatha inxaxheba nabaThandanzayo
abaVangelayo nabaNika amandla
abaFundisayo nabaTshintshayo
abaNcedisayo nabaMamelayo
abaJongayo nabaVukileyo

NGOKU

Siyazinikela kule njongo, siyayinika amandla ethu, iziphiwo, izakhono, ixesha nenkxaso yemali ukuncedisa le nkqubo yotshintsho.

Sithandazela uThixo owaqala lo msebenzi omhle kuthi, uza kusikhokela ukuze siwufezekise.

i.

IKOMISHINI YEENKOKHELI (Leadership Commission)

INJONGO

Ngokuphehlelelwa , thina sonke sikunye noKrestu kunye nabanye. Kufuneka sibonakalise sifezekise ubuKumkani baKhe, sixhasa iinkqubo ezisemgangathweni. Njengezicaka, zonke iinkokheli zikhuthazwe ukuba zibe nentliziyo nengqondo kaKrestu - uKrestu, uMalusi oLungileyo, yinkokheli yethu. Ngomoya wobufundi, bonke ubukhokeli kwicawe, njengobunye, busuka kuYe, buza kufezekiswa nguYe.

INDLELA YOKUQHUBA

Ubukhokeli

Sifuna iinkokheli ezimamela nezicinga ngeelwimi ezahluka-hlukeneyo nezithethe namasiko ahluka-hlukeneyo, ezenza iinjongo ezamkelwayo ngokusebenzisana nangokuthatha inxaxheba kubo bonke abantu. Le ndlela yokukhokela kufuneka ibe yindlela eqhelekileyo kuyo yonke imigangatho yeCawe, umzekelo, kumarhamente, kwiliso likaBishophu, kwi-Archdiocese.

Sinokufikelela kule nto ngokubiza bonke abakhonzi kwiintlanganiso, sinenjongo yokuba bonke abantu bathathe inxaxheba kuyo yonke imigangatho iquka iilwimi, izizwe nesini, umzekelo ibhunga likaBhishop (Deanery Councils), iiForum zamaBhunga amaRhamente oluNtu (Deanery Pastoral Forums), iintlanganiso zeziphaluka zerhamente ezibizwa kanye ngonyaka (Parish Annual General Meetings), ukutyelelwa kweArchbishophu kumarhamente, amaqela acingayo (think tank project groups).

Ukufundiswa kweenkokheli kufuneka kwenzelwe abefundisi, abadikhoni, abafundi bobuPristi neenkokheli zamarhamente. Le nto ithetha ukuba kufuneka abe khona umntu wokufundisa. Injongo yoku kufundisa kukuzisa ubunzulu bokuqonda bobukhokeli obusebenzisana nokufundisa izakhono ezizodwa.
UmFundisi wabeFundisi kufuneka anyulwe ukukhathalela abefundisi nokubacebisa.

UKULUNGISELELA (ORGANIZATION)

Indlela i-Archdiocese, ibhunga, namarhamente ezakhiwa ngayo, kufuneka isetyenziswe ngendlela efanelekileyo ukuze abantu bakwazi ukuthetha-thethana, abakhonzi bathathe inxaxheba neempahla babelane ngazo.

Ukuze le nto ikwazi ukufikelela kufuneka ibe khona inkqubo yemfundo malunga nezakhiwo zediocese, umsebenzi wazo noxanduva lwazo.

Ezi kumele zivavanywe ukuze zinentsingiselo ebomini babantu. Amalungu abantu bakaThixo, xa kufanelekile, aquka kwizakhiwo zediocese. Kumele siyazi imisebenzi yethu kunye noxanduva lwethu, thina sonke siziinkokheli okanye sinemisebenzi yabefundisi, siqinisekise ukuba akhona amaxesha wokuzimela nokuvavanywa phambi kwabantu.Ukuze siyenze le nto, iingcazelo zemisebenzi zimele ukwenziwa, umsebenzi wabantu abanale misebenzi kufuneka uvavanywe.

UNXIBELELWANO

Sidinga ukuphuhlisa iindlela esinxibelelana ngazo – ezi ndlela kufuneka zivuleke, zibe zezanamhlanje. Ubuchule bokuphatha umcimbi bumele ukusekwa ukuze unxibelelwano lonke lube namandla – unxibelelwano lwangaphandle - namaphephandaba, iirediyo(oonomathotholo) neTV, - nonxibelelwano ngaphakathi kwe-Archdiocese, amabhunga namarhamente.
Kumele ukuba kuqeshwe ifasilitheyitha yonxibelelwano lwangaphandle. Lo mntu angaxhaswa yiKhomithi eCebisa ngoNxibelelwano (Communication Consultation Committee).

ii.

IKOMISHINI YECAWE KWIHLABATHI JIKELELE (CHURCH IN THE WORLD COMMISSION)

INJONGO

Thina, siyiCawe yaseKapa, kuyo yonke imigangatho, siyazinikezela ukubonwa ngumntu wonke siphila ngeengcinga zikaKrestu kunye neemfundo zeCawe. Le nto iza kusinceda ekunikeni ubukhokheli kule micimbi eviwa ngathi yimicimbi yale mihla, ukuze sibe ngabantu abakwazi ukuphuhlisa iimeko; ngale ndlela iCawe ingaba luluntu olukhonza uThixo nabantu.

> "Uvuyo nethemba, ixhala neentlungu zabantu bale mihla, ngakumbi amahlwempu okanye abahluphekayo, luvuyo nethemba, lixhala neentlungu zabalandeli bakaKrestu.
> Akukho nto ivela kubantu, ayizi kuchaphazela iintliziyo zabo. Uluntu lwabo luluntu lwabantu. Ngokumanyana kukaKrestu bakhokelwa nguMoya oNgcwele kuhambo lwabo ukuya kubukumkani bukaBawo. Bamkele iindaba zosindiso ezijonge umntu ngamnye. Yiyo loo nto olu luntu luqonda ukuba lilungu ngenene lobuntu nembali." *(Gaudium et Spes 1).*

INDLELA YOKUQHUBA

Siyayazi le nto yokuba thina siyiCawe yaseKapa, sililungu lomhlaba othanda imali, olibala uThixo, ongaphili kunye onezizwe ngezizwe. Le nto ithetha ukuba sisebenzise iingcinga ezintsha sizinikezele. Amazwi kaJohn Paul II kwi-*Ecclesia in Africa*, anyanisile:

> "Ukwenza ubukholwa bube nentsingiselo kwizizwe ngezizwe kuzo zonke iindawo zobomi bamaKrestu ngumsebenzi onzima esikwazi ukuwenza ngoncedo lukaMoya wodwa – uMoya wona okhokela iCawe kwinyani epheleleyo." *(Ecclesia in Africa, 78).*

UXOLELWANISO

UThixo usibizile ukuba sibe ngabaxolelanisi futhi nentliziyo zifuna uxolo kunye noThixo; kunye nathi nabo bonke abantwana bakaThixo; komnye nomnye. Izono zethu zoyikisa iimpilo zethu kunye nobuhlobo; uThixo ufuna ukuba siguquke sixolelane. "Mabasikelelwe abenzi boxolo; bafanele ukubizwa ngokuba ngoonyana bakaThixo." (Mt 5:9).

Njengomthetho kufuneka zibe khona iinkokheli ezikwiintlanga ngeentlanga kuyo yonke imigangatho yamarhamente nakuwo onke amasebe awo.

Kumgangatho weliso likaBishophu, kufuneka kusekwe isebe loxolelwaniso. Eli sebe lingalungelelanisa "Iintsuku zoXolelwaniso ngoNyaka", zeRhamente neLiso likaBishophu, umzekelo, umSitho kaKrestu onguKumkani, equka imFundo kulandela isoshaal. Kufunwa ukuba ezi ntsuku ziza kudibanisa iintlanga ngeentlanga, nezizwe ngezizwe. Zikwakhuthaza ukusebenzisana phakathi kwamarhamente amele iintlanga ngeentlanga nezizwe ngezizwe ukuyenza imisebenzi yamaRhamente eqhelekileyo, njengeentsuku zokucingisisa zabaPhathiswa bomThendeleko weNkosi, abaPhathiswa beLizwi, njalo, njalo.

UKUDIBANISA IINTLANGA NGEENTLANGA NEZIZWE NGEZIZWE (INCULTURATION)

Ukudibanisa iintlanga ngeentlanga nezizwe ngezizwe nokushumayela iGospile ngendlela eyenza abantu bave inentsingiselo kubomi banamhlanje asiyonto enokutshintsha – iCawe ihambe ngolu hlobo.

> Asingomsebenzi kumntu ovela kwiRhamente jikele we-Archdiocese. Sidinga ukufunda ngemvelaphi kunye namasiko nobunyani kwiCawe yaseKapa neziphumo ezidingeka kumandla okungqubana imida yamaRhamente, isivumelwano malunga neelwimi, abaphangelayo kumarhamente nokuqeqeshwa kweenkokheli.

UKUQONDA NGENDALO ESINGQONGILEYO (ECOLOGICAL AWARENESS)

Sibizwa ngokuba singabancedisi bendalo nokusebenzisa izityebi zomhlaba ngendlela efanelekileyo, siqinisekise ukuba senzele izizukulwana umhlaba onempilo.

I-Archdiocese kumele yenze isivumelwano sendalo yenze iindlela zokuqinisekisa ukuba sisebenze. Nabasebenzi be-Archdiocese kufuneka basebenzise kakuhle ngononophelo umbane namanzi. Kufuneka abantu bakhuthazwe ngokuphindisa izinto basebenzise izinto ezingasebenzisi mandla maninzi. Ilungu ngalinye leCawe kufuneka liqonde ligxeke imicimbi malunga nendalo esingqongileyo. Xa sisebenza ngabantu abangaphandle kweCawe kufuneka silwele utshintsho kwizivumelwano zamandla kwiPhondo nakwiLizwe jikelele silwele ukusetyenziselwa kwazo. Akufuneki iCawe igxeke kuphela, kufuneka ixhase zonke izivumelwano zendalo esingqongileyo zikarhulumente ezihambisana nemfundo zeCawe.
Le khomishini ikwacebisa ikomishini encedisana neBhodi yeSynod ukujongela i-Archdiocese isivumelwano malunga namandla nendalo esingqongileyo.

UKWAMKELA ABANTU ABABALEKA KUMAZWE NGAMAZWE NAKWIINDAWO NGEENDAWO

Abantu ababaleka nabafuduka kumazwe ngamazwe nakumaphondo ngamaphondo balicandelo elikhulu kumaKatholiki aseKapa.

Ukusebenzisana nabo kufuneka kulungiselelane nabo kunenjongo yokubangenisa bonke abakholwayo kwiCawe enye. Bonke abantu mabazive besekhaya kwiCawe yaseKapa.

IMFUNDO JIKELE

Sizibonile izinto ezintle ezininzi kwithuba lemfundo sizinikwa yiCawe okwangoku, ezi zidingo zenziwe ukuba zifumaneke kubantu ukwenzela sibe nabahlali ababambeneyo.

> Kwimigangatho eyahlukeneyo yabaphathi be-Archdiocese kufuneka zibe khona izifundo ngezifundo malunga nezihloko ngezihloko. Ezi zifundo ziyafuneka ukuze amalungu eCawe akhule ngokholo.
>
> Ukwenza oku, izixhobo zokufundisa kufuneka ziqokelelwe, sikhombe ukuba ngubani ongenza ezi zifundo futhi enze abantu babe nolwazi olukhulu ngezinto ezingqonge

uGawulayo, ukuphatheka kakubi koomama nabantwana, ukungabi namakhaya, izidakamizwa, ukuhlukunyezwa, ukungasebenzi, indlala, udlame, urhwaphilizo, njalo njalo.

Ulwazi olupheleleyo malunga nale micimbi lunganceda abantu ukuthatha inxaxheba eluntwini, ukuze lube khona utshintsho. Bangancediswa ngamaqela obuLungisa noXolo (Justice and Peace) iwebsite ye-Archdiocese, amaqela okufunda, ukusetyenziswa kwe-Kathekhisi, njalo njalo.

iii.
IKOMISHINI YOBOMI BOSAPHO INJONGO

Iintsapho kufuneka zihoywe kakhulu eCaweni. Kukho iingxaki ezininzi ezijongene neentsapho zanamhlanje: ukuphela kwemikhwa esesikweni, ukuphathwa kakubi kwabafazi nabantwana, ukuthandwa kwemali, ukuthandwa kwezinto, amandla eTV, iiselula neekhompyutha, njalo njalo.

Imitshato nobomi bosapho kuyohlukwana ngenxa yeengxaki zokungabi namali, zokungaphangeli, zokungabi namizi, zodushe nokuphathwa kweziyobisi nobunxila.

Kodwa ke iCawe ixhasa ubomi bosapho njengento ebaluleke kakhulu xa isenza umsebenzi wayo wokuvangela.

'Usapho oluzalwa ngumthendeleko, lubangela ukuba iCawe ingaba neentsingiselo kwizizukulwana ezizayo, zona nazo zingangena iCawe ngokuncedwa lusapho.' (John Paul II, *Familiaris Consortio 15*).

UBishophu omkhulu wamaKatholiki, uPope Benedict, kwincwadi yakhe esandul' ukuphuma ebizwa ngokuthi ***uThixo luThando*** (*God is Love)*, wagxininisa ukuba iCawe lusapho lukaThixo emhlabeni jikelele (25).

Siyakholwa ekubeni ukomelezwa kobomi bosapho kubaluleke kakhulu kumsebenzi weCawe.

INDLELA YOKUQHUBA

UKUXHASA IIMFANELO EZINGCWELE ZEMITSHATO

Umtshato sisiseko sobomi bosapho – iimfanelo ezingcwele zawo kufuneka zondliwe zixhaswe. Phambi kokuba indoda nomfazi bavunyelwe ukutshata kwiCawe yamaKatholiki, umfundisi okanye idikhoni aqinisekise ukuba aba babini bafumane imfundo entle ngomtshato bayiqonde kakuhle. Umfundisi kufuneka aqinisekise ukuba aba babini baqonde ukuba umtshato ngumthendeleko onenxaxheba ebalulekileyo; lo mtshato kubo usisivumelwano esivela kuthando lukaKrestu owasifela emnqamlezweni; esi sivumelwano sona siphilwa ngobomi nothando kwaba babini besabelana yonke iintetho zobomi – - obomzimba, obeemvakalelo nobomoya ongaphakathi. Kufuneka kuqatshelwe ukuba umtshato awukwazi ukuqhawuka phakathi kwendoda nomfazi, ekufuneka babe nabantwana babafundise, umyeni nomfazi mabathembeke.

Ukufezekisa le nto ukulungiselelwa kubaluleke kakhulu. Oku kulungiselelwa kungenzeka ngaphandle ekhaya, ngeentshumayelo ezijongene nabantwana, ulutsha nabadala, iikhathekithi (imfundo yeCawe), kukwangenzeka kufuphi ngokulungiselela umtshato, kungenzeka kwangoko ngenkonzo yomtshato. Indoda nomfazi abafuna ukutshata kufuneka bazise umfundisi phambi kweenyanga ezintandathu batshate. Le nto inganika umfundisi ixesha lokuthetha nabo malunga nemicimbi ngobomi bomtshato nokwakha unxulumano noThixo nobungcwele bomtshato.

UMSEBENZI WE-ARCHDIOCESE EKUXHASENI UBOMI BOSAPHO

Kufuneka kube khona inkxaso ebomini bosapho kuyo yonke imigangatho yamarhamente neyeliso likaBishophu. Le nkxaso idinga ukuba ukucaciswa, ibhengezwe, ijongwe. Ulwazi lumele ukusasazwa kakuhle kumarhamente oluntu nakubakhonzi.

> Kufuneka kube khona indlela yokuba amaKatholika angafumana ulwazi ngayo, equka zonke izinto zokusasaza, umzekelo incwadana, iividiyo, uluhlu lweenombolo iintsapho ezingafumana uncedo kuzo, njalo njalo. Olu lwazi kufuneka luhlaziywe rhoqo lufumaneke kubantu be-Archdiocese.

UMSEBENZI WABEFUNDISI EKUXHASENI UBOMI BOSAPHO

Umsebenzi wabefundisi ekuxhaseni ubomi bosapho ubaluleke kakhulu. Umfundisi lilungu elibaluleke kakhulu kusapho lwerhamente kufuneka abe nolwazi ngeengxaki zerhamante. Njengerhamente kufuneka sibe nendlela equka iintsapho xa sikhonzayo nakuwo wonke amacala obomi berhamente. Abefundisi bamele ukunikwa amathuba okwakha ubomi beentsapho nokucebisa nabo bafuna ukutshata. Abefundisi baqhakamshelisa iinkonzo ezixhasa iintsapho ngeentsapho. Abefundisi bakwangabantu bokuqala ababizwa ngexesha lobunzima. Abefundisi kunye neKhansile yamaRhamente oLuntu, bamele ukwakha imibutho enganika inkxaso kwiintsapho zerhamente. Abefundisi kufuneka baqeqeshwe ngomsebenzi wabo wokuxhasa iintsapho ngakumbi ukucebisa abantu ngobomi bosapho nangobomi womoya ongaphakathi. Mabancediswe emsebenzini wabo wokwenza amarhamente neenkonzo ezithandwa ziintsapho.
Kufuneka bancediswa ekukhetheni nasekusetyenzisweni kobuchule obuvela kumarhamente.
Le nkxaso inganatyiswa ngolwazi olukumashishini nangolwazi lwamani abantu abakumarhamente anamhlanje.

UKWAKHIWA KOBOMI BOSAPHO

ICawe kufuneka igcine ixhase ubomi bosapho. ICawe kufuneka ikhuthale ekuxhaseni ubomi beentsapho. Iintsapho zidinga inkxaso eziqhubekayo nemfundo eqhubekayo.

Imibutho imele ukuhlangana neemfanelo ezininzi zobomi bosapho – ezabantu abaza kutshata, abatshatileyo, abatshata nabantu beenkolo ezahlukeneyo, abazali, abaqhawula umtshato, abangatshatanga, abaphinda ukutshata, abahlolokazi, njalo njalo.
Lo mbutho kufuneka wenziwe njengento ebonwa ngathi inceda abantu.

> Ukulungiselela umtshato kubaluleke kakhulu kodwa kufuneka kuqhubekeke emva komtshato. Kufuneka zibe khona izifundo ezifundisa abaza kutshata ngobuzali, ngabantwana, unxulumano, ubuchule bonxibelelwano, ukusombulula umlo, iingxaki, ukucebisa malunga nezinto zemali, ngoqingqo-mali ngokucwangcisa ngakumbi ngeendlela yokucwangcisa ezingasebenzisi iinaliti okanye iipilisi – ngokuqonda umzimba womfazi, ukunika imfundo yokucebisa iintsapho.

USAPHO NJENGECAWE YASEKHAYA

Usapho kumele ukondliwa njengecawe yasekhaya – njengendawo apho abantwana baza kuqala ukuva uthando lukaThixo nothando lwabanye. Abazali kufuneka babe namandla olwazi ukufundisa abantwana babo ngokholo lwabo ngendlela enika impilo. Ukholo lwethu malube lucandelo oluphilayo lobomi bosapho. Iinkqubo zeemfundo zeCawe, ubomi beenkonzo nobomi boluntu berhamente kufuneka bukhuthaze ukuthathwa inxaxheba zeentsapho bazi imeko yokholo losapho ngalunye, umzekelo abaneenkolo ezahluka-hlukeneyo.

Ukuze senze usapho lube yicawe yasekhaya sicebisa ukuba iintsapho zithathe inxaxheba kwiinkonzo, kwiimfundo zeCawe, iintsuku zomtshato ngeeCawe, iimfundo zomthendeleko kufuneka zijongene nabazali, iinkonzo ezivela kumava asekhaya, imithandazo yosapho.

IMIBUTHO YAMARHAMENTE ENIKA INKXASO KWIINTSAPHO

Kufuneka sakhe uburhamente obenza abakhonzi bazive belusapho bafumane inkxaso kwabanye. Ukuba lilungu lerhamante kuthetha awukwazi ukuhamba iCawe ngeCawe qha. Kufuneka sibe luluntu lwabantu abamkela abanye apho bonke abantu baziwayo, baxatyisiweyo baxhasiweyo. Ukuze sakhe usapho njengecawe yasekhaya, kufuneka siqalise amaqela eentsapho, apho abantu bangafumana khona inkxaso. La maqela anganceda iintsapho ukuphila inkolo yabo kuluntu jikelele Aza kunika nenkxaso kwiintsapho ngexesha lobunzima, umzekelo ngexesha lokufa, lokugula, lokuhlupheka, lokuphatha gadalala, neminye. Aza kunika inkxaso nakumaxesha okuvuya nokubhiyoza.

iv.

IKOMISHINI YOLUTSHA

INJONGO

John 10:10 – Bonke abantu 'mababe nobomi obupheleleyo.'
Abantwana abancinci babe neqhayiya ngamaKatholiki abo bekhula bephuhlisa.
Benobuntu nomoya ophilayo bemanye ubuhlobo obungacalucaliyo ngeelali, iidolophu, iilokishi namaphandle.
Njengabavangeli boluntu abaqeqeshelwe ukuphatha nokuvangela nokulandela abantwana babesenkonzweni kaThixo kunye ukulingana kokuthatha inxaxheba ebomini beCawe yoluntu.

INDLELA YOKUQHUBA

ISIVUMELWANO

Bonakalisa isivumelwano solutsha ngokuthetha nolutsha.
Esi sivumelwano kunga ingaba sitshintshe ukulingana nendlela i-administration yenziwe ngayo e-diocese.
Isivumelwano kufuneka sibe nenkcazelo yegama elithi "ulutsha" siquke neminyaka yolutsha nemithetho efunekayo ukwenza eli Sebe loLutsha kwimigangatho yamarhamente, iliso likaBishophu nakwi-Archdiocese.
Kufuneka kusekwe iSebe Lolutsha lase-Archdiocese elinemali eyaneleyo.
Kufuneka liquke aba balandelayo: iinkokheli zolutsha, ulutsha oluphangelayo, iqela labefundisi abancedayo, abantu abanolwazi malunga nokuxhasa, abantu abanomdla ekuncediseni ulutsha bengafuni imali. Umfundisi woLutsha ozinikela kulutsha, kufuneka aqeqeshwe. Uxanduva lukaMfundisi woLutsha kukuqinisekisa ukuba onke amasebe ayasebenzisana. Le ntsebenziswano kufuneka ibe khona phakathi kweSebe loLutsha lase-Archdiocese neSebe leMfundo lase-Archdiocese nekhansile edibanisa izikolo zamaKhatholiki. Mhlawumbi, iinkqubo zolutsha lweCawe zingahambisana nezeSebe leMfundo.

UBUVANGELI

Inkqubo yobuvangeli boLutsha ingenziwa esebenzisane neQela lokuPhuhlisa iRhamente (Pastoral Development Team (PDT). Injongo kukuba nolutsha olushumayela kulutsha.
Masiqaphele ezi zilandelayo: iintlanga ngeentlanga ezikhoyo e-Archdiocese, ulwimi lwenkqubo nengqeqesho yobuvangeli.
Izixhobo ezikhoyo ezinokusetyenziswa ukuxhasa le nkqubo yobuVangeli:
Youth Alpha Programme, Youth Café Programme, Youth Bible Training. Amaphephandaba neenkqubo ezikwiwayilesi ezingamaKatholiki zingacelwa ukunceda ekuthetheni umiyalezo yolutsha: umzekelo: Archdiocesan News, Archdiocesan web page, Southern
Cross (youth page) ne-Radio Veritas.

UKWENZA IIMVAKALELO EZIBANGELA UBUNYE NEXABISO

Ipolisi yoluTsha lweArchdiocese ingasekwa kwezi ntsika zilandelayo zikaKrestu.
Inkqubo kufuneka ikwazi ukutshintshwa ukuze ilingane nezidingo ezithile zeqela elithile okanye zerhamente ethile.

Inkonzo (Service)

Amathuba okusebenzela eluntwini anganikelwa ulutsha ukuze luncedise abantu balo. Oonongendi, abefundisi, nemibutho ephuhlisa uluntu kunye neCawe zingasetyenziswa ekuncedeni eli phulo.

Ubuhlobo (Friendship)

Ulutsha maluzive lulunye lunobuhlobo ngokudibana nolunye ulutsha lwamarhamente kunye necawe yoluntu. Bangonwabela: imidlalo, umculo neenkonzo,

[DIAGRAM]
UKRESTU (CHRIST)
Ubuhlobo (Friendship)
Inkonzo (Service)
Unxibelelwano nezibhengezo(Marketing)
Imfundo nenkonzo zeCawe (Liturgy and Ministry)
Ubungcwele obungaphakathi komntu (Spirituality)

ikwayari ye-Archdiocese, iinkampu zolutsha, ukuthandazela kwindawo ethuleyo nezinye izinto ezinomdla. Eli phulo kufuneka litsale ubudala obuhlukeneyo babantu abakwiCawe.

Imfundo nemisebenzi yeCawe

Amarhamente kufuneka asebenze nzima ukunika ulutsha amathuba amaninzi okuthatha inxaxheba ezinkonzweni, umzekelo iinkonzo zoLutsha, ukufundwa kwebhayibhile enkonzweni, ukuncediswa kwabakhonzi, ukuba ziziputsu nokwenza umculo. Ulutsha lungancedwa ngokukhapha Abaniki bemithendeleko (Ministers of Holy Communion).

Ubungcwele obungaphakathi komntu

Phakathi kwe-Archdiocese, abantu boluntu kufuneka bakhuthazwe ukusebenzisana nolutsha ukuze ulutsha luzidle ngeCawe, lukhule ngobungcwele, luphuhlise ubomi bomoya ukuze bajongene neengxaki zanamhlanje. Ngale ndlela iGospeli ihlangane nobomi, kwaye ulutsha luza kuva amava omoya kaKrestu.

Ukuphuhlisa amava omoya kungasetyenziswa amaqela omthandazo, iinkonzo zokunyanga neenkqubo ezikhoyo, umzekelo inkqubo yabazali abatsha, inkqubo yobomi bemFundo, YES (Youth Encounter Spirit), amaqabane kuThixo (Couples for Christ), Ulutsha, abantu abangekatshati, amaqabane, abantwana, Youth Unlimited, CHIRO youth, St Kizito's,
Schoenstatt Youth Movement, Abstinence Programme ABCD (Abstain, Be faithful,
Change your lifestyle, or else you're in Danger), nezinye iinkqubo zolutsha, iinkqubo zeMfundo yeCawe, neenkqubo ezijongene nemisebenzi.

Iintlanganiso eziquka ulutsha, zingasetyenziswa ukufundisa ulutsha malunga nemicimbi yoluntu - – HIV/AIDS, ukupheliswa kobuhlwempu, ukumitha kwentsha, ezesondo (eziquka abazizitabane), ucwangciso, ukuphatha gadalala kweziyobisi, nezesondo, njalo njalo.

Unxibelelwano nezibhengezo

Ukuze ulutsha lunxibelelane lula umphathi weqela lolutsha nommeli wolutsha kufuneka bahambe intlanganiso yolutsha ngenyanga kumgangatho weliso likaBishophu. Kufuneka ibe khona intlanganiso yonyaka iquke umfundisi wolutsha, abaphathi, abameli bolutsha nabanye abantu abanomdla. Kufuneka siphonononge ukwenza isynod yolutsha.

Kufuneka olu phando luquke ukuhlolwa kolutsha lwe-Archdiocese.

Kumgangatho werhamente isibhengezo solutsha esithandwa lulutsha singenziwa. Le nto inganceda unxibelelwano nolwazi olujongene nolutsha.

v.

IKOMISHINI YEZITHUNYWA INJONGO

Ikhansile yesiBini yeVatican yachaza iCawe njengobunye, abantu ababizwa nguThixo ngokuphehlelwa nguThixo ukwabelana ngobomi babo, inkolo yabo nothando lwabo.
Izithunywa zeCawe kukuphila kobu bunye ehlabathini. Izithunywa zivela entlizyweni kaThixo. UJesu uyasithumela ukushumayela iGospile kunye nokwakha ubunye phakathi kwabo bonke abantu be-Archdiocese yaseKapa.
"…ICawe sisithunywa esinenjongo yokubangela ukuba abantu babelane ngokuthungelwa kuYise noNyana oyingcwele ngothando. Kuqala ngokushunyayelwa kweGospile, iqhubekeke ngokusekwa kwamabandla namarhamente." *(Ad Gentes 2)*
Sibizwa ngokwabelana ubomi bethu bokholo, ithemba kunye nothando kumbandla oneentlanga ezahlukeneyo obhengeza ubunye, uxolo, uxolelaniso, utshintsho nonyango.
Kufuneka sizinikezele ekwakheni ubuhlobo obuhle nezinye iimvaba zamaKrestu, iinkolo ngeenkolo, singacalucaluli isini, amasiko nezithethe nolwimi.

INDLELA YOKUQHUBEKA UBUVANGELI

Abantu kufuneka babe ngamalungu eCawe ngenxa yokholo oluphakathi kwentliziyo. Ukuze ubomi bomoya wangaphakathi buhlaziywe, amalungu ombandla kufuneka azibophelele kuThixo, abe namava oguqulo azive ebizwa.
Oku kuza kunceda amaKatholiki ukwazi ukuba ngamangqina ngobomi bawo. I-RCIA mayisekwe kwirhamente ngalinye.
Iphulo lokubhengeza utshintsho nokuzibophelela kuThixo lingaqaliswa kunye nesikolo sobuvangeli (the School of Evangelisation), umsebenzi wolutsha (youth ministry), ikhansile yamadikhoni (Deacons' Council) namanye amaphulo okuqeqeshwa. La maphulo kufuneka aguqulelwe kwiilwimi ezibalulekileyo ezikhoyo kwi-Archdiocese.
Kufuneka i-Archdiocese ibe nesivumelwano malunga neelwimi eziquka isiXhosa, isiSuthu nesiBhulu ukuze yonke imisebenzi yezithunywa ibonise injongo yeCawe yokusebenza nazo zonke izizwe.

UMSEBENZI WEZITHUNYWA

Umsebenzi wezithunywa wabo bonke abo baphehlelelweyo nabaqinisiweyo kukwazi uKrestu nokudlulisa kwabanye. Umbandla ngamanye kufuneka eze phambi kukaThixo ngothobeko uzazi ngaphakathi uze uphume umbandla kwihlabathi jikelele. Umsebenzi wezithunywa zerhamente ungasetyenziswa ngokuzondelela abantu ukuze bafune ukuba zizithunywa.
Iinkqubo zokwakha inkolo kufuneka ziquke uxolelaniso, imFundo yoLuntu lwamaKatholiki (Catholic Social Teaching) , ubunye becawe, ulwazi malunga nendalo esingqongileyo, njalo, njalo ukuze amalungu eCawe afike ehlabathini esazi konke ngobuKatholiki.
Ukwazisa oku kufuneka zibe khona iintsuku ezizodwa neziganeko ezizodwa. Ezi zingalungiselelwa ngezihloko ezithile. I-Archdiocese kufuneka yenze izivumelaniso malunga nokusebenza nawo onke amaqela abantu nangayo yonke imicimbi yendalo kuba ezi ziingxaki zanamhlanje.

IMISEBENZI YEZITHUNYWA

Into ebaluleke kakhulu kukhangela bonke abantu, phakathi kweCawe nangaphandle. Mininzi imisebenzi abantu abangathatha kuyo inxaxheba. Ukwakhiwa kwale misebenzi kufuneka kwandise kuzo zonke iindawo nakuzo zonke iilwimi kwi-Archdiocese. Uqeqesho kufuneka lunikwe ukuze

imisebenzi yezithunywa ziquke wonke umntu. Inkqubo yokuqeqesha kufuneka iseke imithetho yokuvavanya abo abazizithunywa. Le mithetho inganceda ekugxininiseni ezo ndawo ezidinga uncedo kwiikomithi zezithunywa ezilawulayo.
Ngethamsanqa i-Archdiocese inezithunywa ezinamandla kumarhamente amaninzi. Kukho izidingo ezimbalwa – umzekelo umsebenzi womculo, ukutyelela amakhaya, imfundo yeGospile nobuvangeli. Kufuneka abantu baqeqeshwe ukuzenza ezi zinto. Amaqela omoya namaqela anceda abahlupheka nawo ayinxalenye ebalulekileyo yomsebenzi wezithunywa kwaye kufuneka akhuthazwe kuba anceda abantu ekukholweni nasekuguqulweni.

vi.

IKOMISHINI YOKWENZA ULUNTU LWABAKHOLWA

INJONGO

Ngophehlelelo sibanye siba ngoobhuti noosisi bakaKrestu. Injongo yethu kukomeleza ubunye bethu ngokuseka imibutho yabakholwayo ekhutheleyo.

INDLELA YOKUQHUBA

Ukomeleza kobunye bethu kufuneka kwenziwe ngokufunda imfundo yeCawe, ngokuthandaza kwefemili, ngokuphuhlisa umoya ongaphakathi nokuvuyela imfundo yeBhayibile.

IMFUNDO YECAWE (CATECHESIS)

Imodeli yeRCIA kufuneka isetyenziswe njengemfundo yeCawe kwi-Archdiocese.
Kwiimeko ezininzi kufuneka itshintshwe ukuba ibe nentsingiselo kuluntu lwethu. Inkxaso nezinto kufuneka zinike iRCIA ukuze iphuhle.
Abazali kufuneka banikwe igunya lokuthatha inxaxheba ekufundisweni kwecawe kwabantwana babo. Abo abafundisa imfundo yecawe babaluleke kakhulu kuba banceda ulutsha oluseluncinci lukhule ngokholo. Kufuneka sibaxabise imisebenzi yabo siyihloniphe.
Ukuze lo msebenzi uqhube kakuhle, kufuneka i-Archdiocese yenze amacebo malunga nokuqeshwa kwabantu abaza kufundisa imfundo yecawe.
Kufuneka baqeqeshwe ngokupheleleyo, baxhaswe, bavavanywe. Ukuze sibancede emsebenzini wabo kufuneka senze izixhobo abanokuzisebenzisa kuyo yonke imigangatho yokholo. Kufuneka ezi zinto zivele kwiimfundo zeBhayibhile zibe kwiilwimi ngeelwimi ezisetyenziswayo.
Ezi zixhoba kufuneka zifumaneke zithengwe lula ngawo wonke amabandla. Ukuxhasa lo msebenzi, iintlanganiso ezisecaweni neziseholweni zilungiselelwe ngerhamente, iliso likaBishophu kunye ne-Archdiocese. Loo nto iza kunceda imfundo yecawe ithandwe iphilwe luluntu lwabakholwayo.
Kubalukile ukuncedisana phakathi kwezikolo nakweminye imibutho yemfundo yeCawe.
Kunganceda ukuxoxa malunga nokulungelela komntu ukunika imithendeleko, ngakumbi ukulungelela komntu ukuqinisa ngomoyo oyingcwele.

UKUHLAZIYWA KOMTHANDAZO WOSAPHO

Iqhalo elithi 'Usapho oluthandazayo luhlala lulunye" luyinyaniso. Ukuthandaza kosapho licandelo elibalulekileyo ebomini beCawe edinga ukuxhaswa ngazo zonke iindlela.
Amaqela eRosari namaqela eBhayibhile kufuneka omelezwe axhaswe kuba azisa abanye ngomthandazo wosapho.
Amaqela omithandazo yosapho kufuneka alungiselele iincwadi okanye iincwadana zemithandazo yosapho. Ezi ncwadi kufuneka ziquke amasiko nezithethe enziwa ngosapho ngexesha lokuZila nakwiiveki ezingaphambi kweKrismesi. Kufuneka ziquke nemithandazo yeNtliziyo eNgcwele , kaMariya, ukubaluleka kweBhayibhile, iitempile ezincinci zasekhaya nokusetyenziswa kwamanzi aNgcwele ukusikeleleka. Izinto ezingasetyenziswa kufuneka zifunyanwe okanye zenziwe. Eli phulo lidinga ukuxhaswa ngabefundisi xa beshumayela, ngemfundo yebhayibhile nangeentetho.

UKUPHUHLISA UMOYA WANGAPHAKATHI

Ukuba nomoya wangaphakathi nonxibelelwano noKrestu luphawu lobomi bamaKrestu. Kuyo yonke imigangatho yeCawe abantu badinga ukuncedwa ukuphuhlisa umoya wangaphakathi ophilayo.

Le nto ingenziwa ngeendlela ezahlukeneyo: ngeenkqubo zeBhayibhile yamaKatholiki, ngokwabelana ngenkolo, ngokukhonza umthendeleko, ngokusekwa kwendawo eneencwadi nezinye izinto ezingamaKatholiki, ngokuhamba ngokrozo, ngohambo ngezonqulo, iimishoni, iintsuku zemithandazo nokuya kwiindawo zomthandazo ezinikelwa ngamaqela okanye ngomntu ngamnye kumgangatho weliso likaBishophu.

Imfundo yeBhayibhile

Uninzi lwamaKatholiki baya ecaweni ngeCawe nje – yiyo loo nto kubaluleke kakhulu ukuhlonipha ukufunda kweBhayibhile nokukhuthaza bonke abakhoyo ecaweni ukuthatha inxaxheba ekufundeni kwayo.
Into eza kuhlaziya imfundo yeBhayibhile kule Archdiocese kukwenza ikomishini yeMfundo yeBhayibhile ye-Archdiocese. Lo mbutho unganceda ukuqesha abafundi beBhayibhile, ukusekwa kweekhomithi zemfundo yeBhayibhile kwirhamente, ukusekwa kwemibutho yomculo, imfundo malunga nezinye iintlanga, imixhentso yeBhayibhile, ukufundiswa kwabefundisi nabakhonzayo malunga namasiko eCawe. Injongo yazo zonke ezi zinto kukuphuhlisa indlela abantu abakhonza ngayo eCaweni. Kuzo zonke iinkonzo zemfundo yeBhayibhile, kufuneka bonke abantu bakhuthazwe ukuthatha inxaxheba, umntu ngamnye enze umsebenzi wakhe. Imfundo yeBhayibhile kumarhamente ingagqalisela kwimixholo ethile okanye kwimibhiyozo enentsingiselo malunga nezinto eziyimfuneko kuluntu.

UKWENZIWA KWECEBO

1. Akuba u-Archbishophu esamkela eli Cebo Loluntu le-Archdiocese yaseKapa, kufuneka ibe khona imali eyaneleyo ukulifezekisa.

2. Iza kuba khona Ibhodi Yokufezekisa Icebo Loluntu esekelwa kwi-Archdiocese, ekhethwa nguArchbishophu equke abakhonzayo, abefundisi noonongendi nabo bonke abantu baseCawe.

3. Umsebenzi wokuqala wale bhodi kukulungiselela inkqubo yokufezekisa iCebo loLuntu. Le nkqubo kufuneka ibonise:
Iindawo ezithile eziza kugqaliselwa (specific focus areas)
Umntu othatha uxanduva
Amaxesha acacisayo

4. Ukuze le nkqubo ifezekiswe, iBhodi iza kufuna uncedo kula mabutho:
Iqela leNkqubela yamaRhamente
Abanye abancedi abafunekayo.

5. Xa le nkqubo ilungiselelwe, kufuneka iBhodi ibe negunya lokuqinisekisa ukuba onke amacebo enziwe noba yile bhodi okanye ngabantu abakhethiweyo nangamaqela akhethiweyo.

6. Le Bhodi ikwanoxanduva lokusasaza nokuvavanya le nkqubo.

Communio et Missio, iCebo loLuntu lweArchdiocese yaseKapa

7. Le Bhodi imela uArchbishophu neVicar General, iyenze ingxelo kwi-APC nakwiLiso likaBishophu.

8. Umsebenzi weliso likaBishophu kufuneka wandisiwe ngokuseka iiKhansile zeliso likaBishophu (Deanery Pastoral Councils) ezinamalungu avela kwaba abakhonzayo kuwo wonke amarhamente ukufezekisa eli Cebo loLuntu nokwenza nawuphi na umsebenzi onokuphathelela.

9. Ico-ordinator iza kunika amacebo noncedo malunga nokufezekiswa kweCebo loLuntu kumgangatho werhamente. Kuxhomekeke kwiiKhansile zamaRhamente oLuntu ukuqinisekisa ukuba le nto iyenzeke. Uvavanyo luza kwenziwa rhoqo ngabantu abalungiselelayo.